Wes-Kaapse Provinsiale Parlement
Western Cape Provincial Parliament
IPalamente yePhondo leNtshona Koloni

IIMPAWU ZENTSHONA KOLONI

# UXWEBHU LWEMIBA 25

REVISION 1, 23 September 2024

## Idisa elibomvu (Disa uniflora)

Lidubula ukususela ngoDisemba ukuya kuMatshi. Intyatyambo entle yehlabathi ekhula kumadonga emisinga, ezingxangxasini nakwiinkemfu ezimanzi kwiNtaba yeTafile nezinye iindawo zeNtshona Koloni. Umvumvuzelo luxhomekeke ukhakhulu kwibhabhathane leNtaba yokuZingca *(Aeropetes tulbaghia).* Ubume bolondolozo: Yinkxalabo encinane.



## Umkhoba (*Leucadendron argenteum)*

Inkazimlo esilivere yamagqabi yenziwa boboya obuthambileyo, obubuvelvethe obulala kwimozulu eshushu, eyomileyo ukuwukhusela ekubeni wome. Iintyatyambo ezingamadoda nezingamanina zizalwa kwimithi eyahlukeneyo. Ukhula ngokwendalo kumathambeka eNtaba yeTafile. Ubume bolondolozo: Usengozini.



## Ingcungcu (*Promerops cafer)*

Ixhomekeke kakhulu kwizadlunge ukufumana incindi nokuzakhela indlwane, le ntaka inokufikelela ukuya kuma-300 eentyatyambo ngosuku. Isoloko ikho eNtshona Koloni naseMpuma Kapa. Ezi ntaka zitshatshele entweni enye kwaye zombini zondla amasthontsho azo aqanduselweyo. Umsila wale ntaka eyindoda ufikelela kubude obulinganiselwa kathathu kunomzimba wayo. Ubume bolondolozo: Yinkxalabo encinane.



## Ilinqa (Damaliscus pygargus pygarus

Litshatshele eNtshona Koloni, kukho malunga nenani lazo eliqikelelwa kuma-2 480. Zahlangulwa kwintshabalalo ebutsheni boo-1900 ngexa izilwanyana zokugqibela ezingama-20 zakhuselwa kwifama ekufutshane neBredasdorp. Yahluleka ngebunzi eliqaqambileyo elimhlophe kunye nombala omhlophe wesiziba ezimpundwini. Ubume bolondolozo: Linokwezakala.

